**UNIVERSITY OF FORT HARE**

**XHS324 & XHS324E**

DEGREE EXAMINATIONS
SUPP- JAN 2019

.................................................................................................................................

Time: 3 Hours

Subject: IsiXhosa

Paper: Prose

Marks: 100

| This paper consists of 5 pages including the cover. |
|---|

<u>Internal Examiners</u>

Dr. M Ganiso
Dr. D Spofana
Prof N Satyo
Dr. SS Mdaka

<u>External Examiners</u>

Dr. L L Kwatsha

<u>Instructions</u>

Phendula imibuzo ibe **MINE.**
Uphendula imibuzo ibe mibini kwicandelo A uze uphendule ube **MNYE** kwicandelo B, uphendule umbuzo ube **MNYE** nakwicandelo C.

## ICANDELO A

### Umbuzo 1

**1.1 Ndithungile Selani: DV Tom**
Xoxa kuvokotheke ngeempawu ze eseyi ezisetyenziswe nguDV Tom ngokuthi utyumbe I eseyi ibenye, uze kananjalo ubonakalise imiba athe wayilandela ekufezekiseni iminqweno yakhe. **[25]**

**OKANYE**

**1.2 Ndithungile Selani: DV Tom**
Chonga ilivo libe linye kula alandelayo uze ugxile kwizinto azikhankanyileyo umbhali kwa nokubauleka kwazo.
1. Uqhagamshelwano
2. Imbeko. **[25]**

### Umbuzo 2

**2.1 Amaxesha Empucuko-Sisingise Phi na? : M Yekela**
Khetha amavo amabini kula alandelayo uze uxoxe ngolwimi kwanesimbo uYekela athe wasisebenzisa ekubhaleni ilivo, yaye unike imizekelo ukubonisa oko ukutshoyo:
**1. Umasihlalisane**
**2. Iifashoni ziyayigqiba imali yethu**
**3. Isiselo esinxilisayo.** **[25]**

**OKANYE**

**2.2 Amaxesha Empucuko - Sisingise Phi na? : M Yekela**
Chonga ilivo libe linye kule ncwadi kaYekela kananjalo ulihlalutye yaye ungqiyame kwiimpawu ezivunyiweyo zokubhala ilivo. **[25]**

### Umbuzo 3

**Imitha yelanga: WK Tamsanqa**
Kwilivo elithi, "Ukusela umoya" ingaba uTamsanqa uphumelele na ekulibhaleni? Impendulo yakho mayingqiyame ngokuqwalasela iinkalo zokubhalwa kwelivo. **[25]**

**OKANYE**

Chonga ilivo elithandwe nguwe linomxholo wezemfundo ulihlalutye ubonisa ubuchule bukaTamsanqa ekuphuhliseni lo mxholo. **[25]**

**ICANDELO B**
**Umbuzo 4**

**He He! Ndiyeva Lawundini: HN Mjamba**
Xoxa kuvokotheke ngesimo sentlalo kwibalana elithi, "Uqeshwe ngamaqhinga waza wakhutshwa ngomva". Ingxoxo yakho mayikhatshwe yimizekelo efanelekileyo oyicaphule apha kweli balana. **[25]**

**OKANYE**

Kwibalana, "Idabi lomhla weKrisimesi" bonisa ubuchula bukaMjamba ekuzobeni abalinganiswa bakhe. **[25]**

**Umbuzo 5**

**5.1 Kwezo Mpindo Zetsitsa: AC Jordan**
Khetha ibali libe linye kula mabali alandelayo uze ulihlalutye ubonakalisa zonke iimpawu zebali elifutshane kwa nendlela umbhali aziphumelele ngazo iimpawu zebali elifutshane:
1. Iindonga Ziwelene
2. UVelebhayi
**[25]**

**OKANYE**

**5.2 Kwezo Mpindo Zetsitsa: AC Jordan**
Zikhethele ibali libe linye kule ncwadi ka Jordan, uze ubonakalise iimpawu zebali elifutshane yaye uzichaze ukuba zeziphi na uchonga kananjalo ngokwendlela umbhali azibonakalise ngayo. **[25]**

**Umbuzo 6**

**6.1 Ndiboleken'Iindlebe: M Yekela**
Chonga ibali libe linye eliva umxhelo wakho kumabali owafundileyo kule ncwadi ka Yekela uze uphuhlise isakhono okanye ubuqhitala bombhali ekubhaleni ibali elifutshane. **[25]**

**OKANYE**

**6.2 Ndiboleken'iindlebe: M Yekela**
Xoxa ngeempawu umbhali azisebenzisileyo ekubonakaliseni iindidi zentlalo yakwaXhosa kule ncwadi, yaye uchaze ngodidi ngalunye kwakunye neempawu zezi ndidi zentlalo. Kananjalo uncoma ukwagxeka inkcazelo nganye asinika yona umbhali. **[25]**

**ICANDELO C**
**Umbuzo 7**

**7.1 UDingezweni: PT Mtuze**

Combulula ubuchule bukaMtuze ekuciciyeleni le ncwadi njengomsebenzi wobugcisa esenza uqhankqalazo lwakhe enkqangiyelela inguqu kuqoqosho luzinge ukuba yincamisa mxhelo siyolo sengqondo. **[25]**

**OKANYE**

**7.2 Ityala Lamawele: SEK Mqhayi**
Thelekisa umgaqo-nkqubo wokusonjululwa kwentsuma-ntsumane yetyala kwiinkundla zamandulo nakwiinkundla zeli xesha siphila kulo. Useyama kule ncwadi ithi: **Ityala Lamawele.** **[25]**

**Umbuzo 8**

**Alitshoni Lingaphumi: PT Mtuze**

Vumbulula apha kule ncwadi ubonise indlela uMtuze adandalazisa ngayo uluvo lokuba noxa iziphumo zomzabalazo ongaquke ludlame zibukeka kodwa ziyinkwalambisa okanye unomgogwana wenkululeko. **[25]**

**Umbuzo 9**

**9.1 Ingqumbo Yeminyanya: AC Jordan**

"Akukho sizwe esinkcubeko yaso iyimbunguzulu yodwa zonke iinkcubeko zezizwe zinamabala kaNtsho kwaneziphene neziphako zazo"

Ngqiyama uqamele ngale ngcamango uze uvumbulule kule ncwadi udandalazisa indlela uJordan aqaqambisa ngayo olu luvo. **[25]**

**OKANYE**

**9.2 Ingqumbo Yeminyanya: AC Jordan**

Qangqulula udaba olungqonge uThembeka kule ncwadi ubonise indlela uJordan adandalazisa ngayo uluvo lokuba ukunyonyozela nokunyevulela inkcubeko yasendulo udludle nenkcubeko yasemzini kuneziphumo ezimanyumnyezi. **[25]**

**Umbuzo 10**

**Izagweba: ZS Qangule**

Condoba, uqangqulula ulwimi nesimbo esisetyenziswe nguQangule kule ncwadi yakhe. Ubonise nendlela asiphuhlise ngayo isimo sentlalo. **[25]**

**OKANYE**

**Umbuzo 11**

**Ingqumbo Yeminyanya: AC Jordan**

Citashe (1998)'s plea to resort to the use of the "pen", "ink" and "chair" at once reminds one of the much debated relationship between the writer and his society". Ingaba uyahambisana nale ngcingane kaCitashe ngokuphathelele kwincwadi kaJordan? Xoxa banzi ngolu nxulumano phakathi kombhali noluntu nanjengoko umbhali esisipili sobomi. Nazi iingongoma omawunyathele kuzo:

- Amasiko nezithethe
- Ubukhosi baseMampondweni

**[25]**

**OKANYE**

**Umbuzo 12**

**Kwazidenge: R.Peteni**

UWolfgang (2000) ubethelela ukubaluleka konxulumano/ uzakuzelwano phakathi kwetekisi nomfundi wencwadi. Xoxa banzi nangokufanelekileyo ngezixhobo zokuhlalutya uncwadi ezikhokelela ekubeni umfundi awuve awulandele umgomo ayilathelweyo/ayichongelweyo. Chaza ezi zixhobo/zithako zoncwadi zilandelayo ngokuthi ucaphule apha naphaya:

- Ulwimi nesimbo sombhali
- Umxholo

**[25]**

**OKANYE**

**Umbuzo 13**

**Ityala lamawele: S.E.K.Mqhayi**

Xoxa banzi ngomxholo wencwadi "Ityala lamawele" nemfundiso yale noveli.

**[25]**